Isalathiso: 20200907-7886
Inombolo yefayili: 13/11/2
Imibuzo: SL Willoughby

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0007/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeMfundo noQeqesho lwaBadala iNqanaba 4

Isihloko: Uqeqesho olunyanzelekileyo lwazo zonke iinqununu, abagadi babaviwa abaziintloko, abagadi babaviwa abaneqhuzu kunye namagosa ezithili abathatha inxaxheba ekuqhutyweni, ekulawulweni nasekuphathweni kweemviwo ze*NSC*, ze*SC* neze-*AET Level 4* ngo-2020/21

1. IMimiselo *Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination,* eyapapashwa *kwiGazethi kaRhulumente No 37651* yowe-16 Meyi 2014, ifuna ukuba amasebe emfundo amaphondo makaqinisekise ukuba bonke abagadi babaviwa bakuqeqeshelwe ngokufanelekileyo ukuqhuba iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*)), ezeSatifikethi seMatriki (*Senior Certificate*) (*SC*)) nezeMfundo noQeqesho lwaBadala (*Adult Education and Training*) (*AET*)) *Level 4,* ngokungqinelana nalo mgaqo-nkqubo osebenzayo ngoku.

2. Nangona uqeqesho belunyanzelekile ukususela ngo-2014 ukuya ku-2019, kwaqatshelwa iqela lezenzo zolwaphulo-mthetho lwezolawulo, ezokuziphatha ngendlela engeyiyo nezokunganyaniseki kwiimviwo ze*NSC* zango-2019 yaye kwenziwa neengxelo ngazo. Oku kuyibonisa ngokucacileyo imfuneko yokuqeqeshwa kwabagadi babaviwa neenqununu ukulungiselela iimviwo ze*NCS* zango-2020, eze*NCS* neze*SC* zangoMeyi/Juni 2021 neemviwo ze-*AET Level 4* zango-2020/21.

3. Iiseshoni zoqeqesho ziya kuqhutywa, kusetyenziswa iindibano zamaqela ii-*Microsoft* (*MS*) *Teams*, ukususela ngowe-05 Oktobha ukuya kowe-08 Oktobha 2020 kuzo zonke izithili ezisibhozo. (**Makujongwe isiHlomelo B esiqhotyoshelwe apha**)

4. Kuya kucwangciswa iseshoni yendibano yesistim i-*Smartlock* neseshoni yoqeqesho yabagadi babaviwa ukulungiselela amaziko eemviwo amatsha/aqalayo nge-20 Oktobha 2020 kwi-ofisi yesithili semfundo i*Metro North*.

5. Iprothokholi ye*Covid-19* isazisa ukuba iintlanganiso zasesidlangalaleni nemicimbi yoluntu iyawandisa umngcipheko wokunwenwa kweCovid-19. Ngeso sizathu, uqeqesho lwabagadi babaviwa beNSC/SC bango-2020 luya kuqhutywa kusetyenziswa iqonga lonxibelelwano ngo-intanethi *ii-MS Teams*. Uqeqesho olusebenzisa i-intanethi luya kubanjwa ngamagosa oLawulo oluyiNtloko loLawulo lweeMviwo noVavanyo (kwaNdlunkulu). Uqeqesho lwabagadi babaviwa lubaluleke gqitha ukuqinisekisa ukuba zonke iinqununu/abaphathi bamaziko, abagadi babaviwa abaziintloko nabagadi babaviwa abaneqhuzu, bawo onke amaziko eemviwo, bafumana uqeqesho olufanelekileyo. Ngenxa kabhubhane i*Covid-19*, **kufuneka** kubandakanywe imigaqo eyongezelelweyo ukuqhutywa nokulawulwa koviwo ukuqinisekisa ukhuseleko olungaphezelu lwabo bonke abaviwa nabathathi-nxaxheba.

6. **Kunyanzelekile** ukuba baye kwiiseshoni zoqeqesho zee-*MS Teams* aba bathunywa balandelayo bachaphazelekayo ekuqhutyweni, ekulawulweni nasekuphathweni kweemviwo ze*NSC, eze*SC neze-*AET Level* 4 zango-2020/21:

   - iinqununu/abaphathi bamaziko **(abagadi babaviwa abaziintloko);**
   - amalungu amabini ekomiti yolawulo yesikolo (*school management team*) (*SMT*));
   - abagadi babaviwa abaneqhuzu; kunye
   - namagosa ezithili abandakanyeka ekuqhutyweni nasekulawulweni, nasekuphathweni kweemviwo ze*NSC*, ze*SC*, neze-*AET Level 4* ngo-2020/21.

7. Iinqununu/abaphathi bamaziko nee*SMT* zabo baya kunikwa yonke imathiriyeli yoqeqesho **nekufuneka** isetyenziselwe ukudlulisela kwabanye uqeqesho nengcaciso abayifumeneyo, kwabelwana ngayo kwiiseshoni zoqeqesho ezicwangcisiweyo zephondo ezimiselweyo, nabanye abagadi babaviwa. Oku kuya kuqinisekisa ukuba ingcaciso ekwabelwana ngayo ihlala ikumgangatho ofanayo.

8. Ukuqaliswa kwemigaqo emitsha, ngokungqinelana neeprothokholi ze*Covid-19*, ukulungiselela ukulawulwa ngokupheleleyo nokuqhutywa kwenkqubo yoviwo iyonke, kubangela ukuba ukubakho kolu qeqesho kube kokunyanzelekileyo kuwo onke amaqela achaphazelekayo.

9. Okuqhotyoshelwe apha **njengesiHlomelo B** yishedyuli ebonisa imihla yoqeqesho namaxesha neendawo zoqeqesho kwisekethe nakwisithili ngasinye.

10. Kuya kuthakazelelwa kakhulu ukukuqonda kwenu ukubaluleka kolu qeqesho nentsebenziswano yenu ngokunjalo.

11. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-09-29